basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

## IBANGA 12

**ISIXHOSA ULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO (SAL)**

**IPHEPHA LOKUQALA (P1)**

**NOVEMBA 2014**

**EASTERN CAPE**

**AMANQAKU: 120**

**IXESHA: 2½ iiyure**

**Olu viwo lunamaphepha ali-22.**

## IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha lemibuzo linamaCANDELO AMANE angala:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Uvavanyo lokuqonda | (30) |
| ICANDELO B: | Isishwankathelo | (10) |
| ICANDELO C: | Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi | (40) |
| ICANDELO D: | Uncwadi | (40) |

2. Phendula YONKE imibuzo.

3. Bhala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

4. Krwela umgca ekupheleni kwecandelo NGALINYE.

5. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

6. Shiya umgca emva kwempendulo nganye.

7. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

8. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

| | |
|---|---|
| ICANDELO A: | 50 imizuzu |
| ICANDELO B: | 30 imizuzu |
| ICANDELO C: | 40 imizuzu |
| ICANDELO D: | 30 imizuzu |

9. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

### UMBUZO 1

### ISICATSHULWA A

1.1 Funda esi sicatshulwa sihamba nemifanekiso yaso ngononophelo uze uphendule imibuzo elandelayo.

**UMFUNDI OMFUTSHANE**

UMichael notitshala wakhe uJohanna Muribwathoho.



UMHLATHI 1

UMichael Mbhele une-15 leminyaka. Iimpahla zakhe zilingana umntwana oneminyaka emi-3 kodwa unentliziyo entle nobubele. UMari Murray oyinqununu yeWestridge High eThekwini uthi mhla wafika uMichael kweso sikolo, abafundi bothuswa bubude bomzimba wakhe oyi-98 cm. Abafundi basuke bafune ukumphakamisa njengomntwana. Abanye bamphakamisa bamlahla emgqomeni wenkunkuma. 'Babecinga ukuba ndingumntwana ndaza ndabaxelela ukuba andingomntwana. Abazange baphinde bandilahle emgqomeni,' utshilo uMichael. Umzimba kaMichael uphilile kwaye onke amalungu omzimba aphilile ngaphandle nje kokuba mancinane.

UMHLATHI 2


Utata kaMichael wasweleka uMichael esemncinci eNanda ngaseThekwini. Ekuqaleni konyaka ophelileyo umama wakhe wagilwa yiteksi wasweleka. UMichael nomama wakhe babehlala bodwa ngelo xesha. Akazange abaxelele ootitshala bakhe ngokubhubha kukamama wakhe. Wayigcina kuye intlungu yakhe. Ootitshala babona ukuba unengxaki kuba amagxa akhe ayesiwa naye ekhangeleka ediniwe. 'Ekugqibeleni wasixelela ukuba unina uswelekile,' kutsho inqununu.

UMHLATHI 3

Akukho zinto zininzi zilungiselelwe yena yedwa esikolweni ngaphandle kwedesika nesitulo sakhe esincinane. UMichael uthi ufuna ukuba ngumdlali wefilimu kwaye intandane yakhe nguChris Tucker ohlekisayo waseHollywood. 'Kulo nyaka senza umdlalo ongeeteksi kwaye ndiza kudlala indawo yomqhubi weeteksi,' utshilo uMichael.

UMHLATHI 4

UMichael uyonwabisa kakhulu kwaye uqhelana lula nabantu abaninzi. UMichael uluncedo eklasini kuba kusasa uthabatha irejista avulele utitshala wakhe ucango. Utitshala wakhe uJohanna Muribwathoho uthi, 'ukrelekrele kwaye uneempawu zobunkokheli.' Umhlobo omkhulu kaMichael nguNeil van der Merwe. 'Siyancedisana ngomsebenzi wesikolo kwaye ndimthatha njengomnye nje umntu omtsha,' kuphawule uNeil.


UMichael ehleli netshomi yakhe ende, uNeil.

UMHLATHI 5

'Abantu abaninzi bacinga ukuba ndiye ndinqwenele ukuba mde njengabanye abantwana ingakumbi xa ndifuna ukuthatha into ephezulu. Ndonwabile yinto endiyiyo kwaye ubude bam abundenzeli ngxaki,' utshilo uMichael. UMichael uthethe oku esenza umzekelo nangoBaby Jake Matlala ongumdlali wamanqindi odumileyo.

[Sithathwe kwi*Bona* ka-Agasti 2003 saze sahlelwa]

JONGA KUMHLATHI 1

1.1.1 Ngubani ifani kaMichael? (1)

1.1.2 UMichael uneminyaka emingaphi? (1)

1.1.3 Kutheni abafundi befuna ukumphakamisa uMichael xa beqala ukumbona? (2)

1.1.4 Chaza le ntetho ngamazwi akho, 'UMichael unentliziyo entle'. (1)

1.1.5 Ukuba wena ubunguMichael, ubunokuvakalelwa njani yinto yokuphathwa kakubi nokugezelwa ngabanye abafundi? (2)

1.1.6 Yinyaniso okanye bubuxoki? UMichael mncinane kuba uyagula. Xhasa impendulo yakho ngokubhekiselele kwisicatshulwa. (2)

JONGA KUMHLATHI 2

1.1.7 Chonga kwitekisi isivakalisi esibonisa ukuba uMichael wayengumntwana ongazithethiyo iingxaki zakhe ebantwini? (2)

1.1.8 Wasweleka njani umama kaMichael? (1)

1.1.9 Yeyiphi into ebalulekileyo eyenziwe nguMichael ekugqibeleni? (2)

1.1.10 Khetha kula mazwi ovelwano angezantsi amazwi obunokuwanika uMichael emva kokusweleka kukamama wakhe:

A Ndiyavelana nawe Michael, musa ukulila.
B Ndiyavuyisana nawe, Michael.
C Ziindaba ezimnandi ezi Michael, phumla ngoxolo.
D Ndiyakubulela ngesipho sikamama wakho, Michael. (1)

JONGA KUMHLATHI 3

1.1.11 Nika izinto EZIMBINI ezilungeselelwe uMichael esikolweni ngenxa yobufutshane bakhe. (2)

1.1.12 UMichael ufuna ukuba yintoni ngenye imini? (1)

1.1.13 UMichael uza kudlala eyiphi indawo kumdlalo weqonga esikolweni kulo nyaka? (1)

JONGA KUMHLATHI 4

1.1.14 Nika naziphi izizathu EZIBINI ezinokwenza ukuba uMichael abonwe eluncedo ngutitshala wakhe. (2)


JONGA KUMHLATHI 5

1.1.15 Chaza indlela uMichael avakalelwa ngayo ngobufutshane bakhe. (1)

1.1.16 Ngubani umntu ongumzekelo kuMichael kwaye lo mntu udlala owuphi umdlalo? (2)

**ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO**

1.2 Qwalasela le grafu uze uphendule imibuzo elandelayo.




[Le grafu ithathwe kwi-www.google.co.za]

1.2.1 Sesiphi isiselo esithandwa ngabafundi abambalwa? (1)

1.2.2 Nika ipesenti yabafundi abasela isiselo sediliya. (1)

1.2.3 Sesiphi esinye isiselo esilingana nese-apile ngokuthandwa ngabafundi? (1)

1.2.4 Zingaphi iipesenti zabantu abasela isiselo sepere? (1)

1.2.5 Kwezi ziselo zikwigrafu, ucinga ukuba zeziphi ezona ziselo zinokwenzela ingeniso enkulu ukuba ubungumthengisi weziselo? (2)
**[30]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

### UMBUZO 2


Umhlobo wakho owenza izifundo zokupheka umenyiwe ukuba aye kukhuphiswano lokupheka lwezikolo zendawo enihlala kuyo. Ucela wena ukuba umcacisele **ngendlela elula yokupheka isidlo sikanopotyi.**

Funda esi sicatshulwa singezantsi uze ubhale uluhlu lwamanqaku ASIXHENXE oza kuwabandakanya kwingcaciso yakho.

**QAPHELA:**

1. Bhala amanqaku ASIXHENXE ngezivakalisi ezizeleyo.
2. Sebenzisa amagama akho kangangoko unakho.
3. Izivakalisi zakho zibhale ngeenombolo ukusuka ku-1 ukuya ku-7.
4. Bhala isivakalisi ngasinye kumgca omtsha.
5. Isishwankathelo sakho esinamanqaku esixhenxe MASINGADLULI KUMAGAMA ANGAMA-50.
6. Bonisa INANI LAMAGAMA OWASEBENZISILEYO EWONKE kwizibiyeli ekupheleni kwesishwankathelo.

**INDLELA ELULA YOKUPHEKA ISIDLO SIKANOPOTYI (IPOTJIEKOS)**




**Okokuqala: Umlilo ofunekayo**

Ukuze isidlo sikanopotyi singatshi kwaye sibe nencasa kufuneka ungabasi umlilo omkhulu. Umlilo omkhulu utshisa imbiza namanzi opheka ngawo ngokukhawuleza.


**Okwesibini: Amafutha afunekayo nezinye izinto**

Xa umlilo wakho sele ulungile, beka unopotyi emalahleni ugalele intwana yamanzi nentwana yamafutha. Nqunqa igaqa letswele, amakhowa, iipepile nezinongo uzigcade kula mafutha.

**Okwesithathu: Inyama oyithandayo**

Galela ke ngoku udidi lwenyama oyithandayo, njengeyegusha, eyenkomo, eyenkukhu, nentlanzi engenamathambo. Zamisa wakugqiba uyeke imbiza emlilweni kangangemizuzu engama-45.

**Okwesine: Ezinye izinto onokuzifaka**



Ungagalela neetapile, ikhaphetshu, umbona neminqathe, kunye nomxube wesiselo selamuni, uze emva koko uzamise imbiza yakho.

**Okwesihlanu: Vala isiciko**

Emva kokuba uyivalile imbiza yakho, qiniseka ukuba umlilo wakho mncinci kwaye uyacotha kuba imbiza yakho kufuneka ihlale emlilweni iiyure ezimbini.

**Okwesithandathu: Ingaba ukutya sekulungile?**



Ukuba imbiza yakho ivuthiwe uza kubona ngokusuka kwenyama emathanjeni kwaye nemifuno yakho iza kube ithambe kamnandi. Yiva ngefolokhwe ukuba inyama nemifuno zithambe ngokupheleleyo na.

**Okwesixhenxe: Ukudibanisa nantoni ukutya kukanopotyi?**

Ukutya kukanopotyi kumnandi kakhulu xa kutyiwa nerayisi emdaka, iirostile nethanga. Phaka ukutya kwakho ubone ukuba abantu bakonwabela njani na. Ukutya kukanopotyi kokona kuthandwayo kwezi ntsuku.

[Siyilwe sabhalwa ngabevi]


**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

**ICANDELO C: Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi**

**UMBUZO 3**

**ISIBHENGEZO-NTENGISO**

Qwalasela esi sibhengezo-ntengiso uze uphendule imibuzo engezantsi.




[Lo mfanekiso uthathwe kwi-Intermediate Communication Games – Jill Hadfield, waze wahlelwa]

3.1 Igama elithi **'UMACOCAKONKE'** lisixelela ntoni ngalo matshini? Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo:

A Ngumatshini ococa konke ukutya
B Ngumatshini ococa yonke imoto
C Ngumatshini ococa yonke into
D Ngumatshini ococa bonke oomama (1)

3.2 Esi sibhengezo-ntengiso sijoliswe kubani? (1)

3.3 Kutheni igama elithi 'Khawuleza' libhalwe ngefonti enkulu? (2)

3.4 Funda isivakalisi esilandelayo uze ubuze umbuzo oza kunika le mpendulo ikrwelelwe umgca ngaphantsi.

Lo matshini ususa <u>uthuli</u>.

Umzekelo: Lo matshini <u>uyakorobha</u>.

Impendulo: Lo matshini wenza ntoni? √ (1)

3.5 Ibinzana elithi, 'Walala wasala' lithetha ukuthini? Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo:

A Lala ukuba uyozela.
B Vuka ukuze ungaphoswa.
C Lala kamnandi ucinge.
D Sala ebhedini ungavuki. (1)

3.6 Yakha isibizo kwesi senzi: -tshayela. (1)

3.7 Khupha isimaphambili seli gama: oomama


Umzekelo: Abantwana

Impendulo: Aba- √ (isimaphambili) (1)

3.8 Uyavumelana noluvo lokuba ngoomama kuphela abaza kusebenzisa uMacocakonke? (2)
**[10]**

**UMBUZO 4**

Jonga le khathuni, uze uphendule le mibuzo ilandelayo.




[Ithathwe kwiBONA XHOSA, SEPTEMBA 2006 yaze yahlelwa]

IBHOKISI 1

4.1 Bhala phantsi isichasi seli gama '**mfutshane'**. (1)

4.2 Chonga/Khupha isikhuzo kwesi sivakalisi: 'Tyhini! Kwenzeke ntoni?' (1)

IBHOKISI 2

4.3 Bhala lo myalelo ube kwisinye: 'Sanukundibuza!' (1)

IBHOKISI 3

4.4 Bhala esi sivakalisi kwixesha langoku: 'Ndaya kuyikhangela kwikhaya lesithandwa sam.' (1)

IBHOKISI 4

4.5 Yakha isibizo kwesi senzi: -thanda. (1)

IBHOKISI 6

4.6 Bhala igama elinomgca ngaphantsi kwesi sivakalisi libe kwimo evumayo:

'UShoti akafuni ukuphathwa njengenja.' (1)

4.7 Inkangeleko yobuso bukaRasta ibonisa oluphi uvakalelo? Khetha impendulo echanekileyo kwezi:

A Wothukile
B Wonwabile
C Uyozela
D Ulusizi (1)

IBHOKISI 7

4.8 Umntu ongudyakalashe ngumntu onjani? (1)

IBHOKISI 8

4.9 Funda ezi zivakalisi ulungise iziphene kumagama akrwelelwe umgca ngaphantsi.

'Khawuza apha, Shoti! Ndifuna ukukubheta njengenja yam.' (2)
**[10]**

**UMBUZO 5**

IPROZI

5.1 Funda lo mhlathi ulandelayo uze uphendule imibuzo engezantsi.

**UKUTYA OKUNEMPILO**

Kubalulekile ukutya ukutya okunempilo ingakumbi iziqhamo nemifuno, zona kufuneka sizitye yonke imihla. Imifuno efana namathanga, iitapile, amakhaphetshu, amatswele neminqathe ibalulekile. Iziqhamo ezibalulekileyo ziziqhamo ezinjengeebhanana, ama-apile, amapere, iiorenji neediliya.

Imizimba yethu iyayifuna inyama. Iindidi zenyama ezibalulekileyo ziquka inyama yenkomo, inyama yegusha nenyama yenkukhu. Kufuneka <u>sitya</u> intlanzi kabini ngeveki emakhaya kuba inyama emhlophe ingcono kunenyama ebomvu. Inyama emhlophe ingumhlobo wentliziyo kanti inyama ebomvu nentliziyo yinyoka nesele.

Khumbula ukuba umntu umele ukusela iiglasi (which are eight) zamanzi ngemini. Iintliziyo zoogqirha zizele luvuyo kuba babona abantu besitya ngendlela elungileyo. Imizimba yethu ifuna ukutya okunempilo.

[Ithathwe kwiWebmd kwi-intanethi yaze yaguqulwa.]

5.1.1 Bhala phantsi naliphi igama elibolekwe kwisiNgesi kumhlathana wokuqala. (1)

5.1.2 Nika isininzi seli gama: 'intlanzi'. (1)

5.1.3 Nika isilanduli segama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwesi sivakalisi:

Imizimba yethu <u>iphilile</u>. (1)

5.1.4 Bhala phantsi isichasi seli gama: 'khumbula'. (1)

5.1.5 Bhala isivakalisi ngasinye kwezi zingezantsi sibe kwixesha elibhalwe kwizibiyeli.

(a) Imizimba yethu iyayifuna inyama. (ixesha elizayo) (1)
(b) Imizimba yethu iyayifuna inyama. (ixesha ebelidlula) (1)

5.1.6 Nika intsingiselo yesi saci: 'yinyoka nesele'. (1)

5.1.7 Gqibezela esi sivakalisi ngokuguqulela esiXhoseni okubhalwe kwizibiyeli:

Umele ukusela iiglasi (*which are eight*) zamanzi ngemini. Bhala igama kuphela. (1)

5.1.8 Ithetha ukuthini le ntetho: 'Zizele luvuyo'? Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo:

A Zinevumba kakhulu
B Zinosizi kakhulu
C Zonwabile kakhulu
D Zibuhlungu kakhulu (1)

5.1.9 Lungisa igama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwesi sivakalisi:

Kufuneka sitya intlanzi kabini ngeveki. (1)

5.1.10 Tshintsha esi sivakalisi uqale ngegama elikrwelelwe umgca ngaphantsi.

Imizimba yethu ifuna ukutya okunempilo.

Umzekelo: Abantu batya iziqhamo.
Impendulo: Iziqhamo zityiwa √ ngabantu. √ (2)

5.1.11 Khetha igama elichanekileyo kula akwizibiyeli.

(a) (Asiyinyama/Asingonyama/Asiyonyama) le ndiyityayo. (1)
(b) Ngamathanga (la/le/lo). (1)

5.2 Qwalasela lo mfanekiso uhamba netekisi ekwitheyibile uze uphendule imibuzo engezantsi.




iifilim nibukele ezinomdla Yizani!

| | |
|---|---|
| NU METRO<br>ULwesihlanu 23 – ULwesine 29 NOVEMBA | EKAPA<br>IFONI: 021 624 5927<br>AMATIKITI: R40<br>www.numetro.co.za |
| Mihla le: 13:30, 18:30<br>**Shaka Zulu (13 LS)**<br>Mihla le: 09:00, 10:30<br>**Intonga (A)** | Mihla le: 10:00, 14:00, 18:00<br>**UNongqawuse (13 LV)**<br>Mihla le: 10:00, 14:00<br>**Buzani kuBawo (16 LV)** |

[Lo mfanekiso uthathwe kwi-www.googleimages.co.za waze wahlelwa]

5.2.1 Ubona izitulo ezingaphi kumgca ongasemva kwicala lasekunene? Qala impendulo yakho ngolu hlobo: Ndibona izitulo ... (1)

5.2.2 Nika isichasi segama elikrwelelwe umgca ngaphantsi.

Isikrini sebhayaskophu sincinci. (1)

5.2.3 Bhala phantsi umyalelo okwisikrini sebhayaskophu ube kwisinye:

**'Buzani kubawo!'** (1)

5.2.4 Bhala amagama akwesi sivakalisi alandelelane ngendlela echanekileyo:

**iifilim nibukele Yizani ezinomdla!** (2)

5.2.5 Yimalini itikiti lokubukela ifilim kule bhayaskophu? Phendula ngesivakalisi esipheleleyo. Qala impendulo yakho ngolu hlobo:

**Itikiti libiza iirandi ...** (1)
**[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 40**

## ICANDELO D: UNCWADI

## IMIYALELO NENGCACISO

- Khetha incwadi ENYE kuphela uphendule imibuzo yale ncwadi uyikhethileyo.
- Ukuba ukhetha *UMzali Wolahleko* uze uphendule UMBUZO 6.
- Ukuba ukhetha *Amathunzi obomi* uze uphendule UMBUZO 7.

## UNCWADI: *UMZALI WOLAHLEKO* – GB Sinxo

## UMBUZO 6

6.1 Funda esi sicatshulwa uze uphendule imibuzo engezantsi.

> Inqununu yesikolo saseNjwaxa yayingutitshala uNdlela. Lo mfo wayelulamile kakhulu, ethozamile elikholwa elingazenzisiyo. ...
> Wayenexesha elide efundisa apho eNjwaxa, kwaye abantu baseNjwaxa babemthanda kakhulu ngenxa yesimo sakhe. Naye ke utitshala uNdlela waziva iindaba zokulwa kukaNdopho noNquphephe. La makhwenkwe mabini ayengabafundi kwesi sikolo sikaNdlela.
> Ngosuku olulandela usuku lomlo lowo utitshala wababiza uNdopho noNquphephe. …
> Emva kwethutyana elifutshane ephumile uNdopho, kwavakala ingxolokazi phandle. Kwathi kanti ngunina kaNdopho lowo wayesenza loo ngxolo.
> Wayethetha esithi, 'Titshala! Titshala, umbethela ntoni umntwan' am?' Waphuma phandle utitshala esiya kuthetha naye. ...
> 'Kulungile ke, uNdopho mcime kuloo lejista yakho' utshilo ngoku uNojaji. ...

6.1.1 Ngokwesicatshulwa utitshala wayengumntu onjani? (2)

6.1.2 Utitshala wafundisa ixesha elingakanani eNjwaxa? (1)

6.1.3 Utitshala wabayala wathini uNdopho noNquphephe emva kokubabiza? (2)

6.1.4 Chaza ngokufutshane ukuba kwenzeke ntoni phakathi kukaNdopho noNquphephe phambi kokubizwa ngutitshala. (2)

6.1.5 Utitshala wabanika esiphi isohlwayo aba bantwana? (1)

6.1.6 Athetha ukuthini la mazwi: 'mcime kuloo lejista yakho.'? (2)

6.1.7 Ukuba wena ubungutitshala uNdlela, ubuza kumphendula uthini uNojaji xa esithi 'mcime umntwana kwirejista yesikolo'? (2)

6.1.8 Kwakutheni ukuze uMenzile aye esikolweni emva kokuba uNojaji ethe makacinywe uNdopho kwilejista yesikolo? (2)

6.1.9 Ingaba uNojaji ngumama olungileyo ekukhuliseni abantwana? Xhasa impendulo yakho. (2)

6.1.10 Tshatisa intetho ekuKHOLAM A nomlinganiswa ochanelekileyo kuKHOLAM B. Bhala kuphela inombolo nonobumba ofanelekileyo.

Umzekelo: (e) = F

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| (a) Kowu, abantwana begesi! Abantwana belakitreki! | A UNdopho |
| (b) Nkosikazi, umntwana wakho akohlwaywanga ngokungaphezulu kukaNquphephe. | B UNojaji |
| (c) Inene ndim umzali wolahleko. | C Utitshala |
| (d) Ungulaa mfazi wandibulalayo? Wandibulala ngobubele. | D UGakhulu |
| | E UNdimeni |

(4 x 1) (4)

**KUNYE**

6.2 Funda esi sicatshulwa uphendule imibuzo engezantsi.

Nangona uNojaji wabuya ekhathazekile eBhayi, wafika ekhaya elindelwe ziindaba ezimnandi. Ezi ndaba zamthuthuzela. Wafika kusithiwa uWeziwe, intombi yakhe encinane uyacelwa. Wayecelwa emaKhomazini, ngunyana kaMbizeni kwalapho eNjwaxa. Umzi kaMbizeni yayingumzi onesidima. Nabani na wayenokuthanda ukwendisela intombi yakhe kuwo. Unyana kaMbizeni yayinguTolweni. UTolweni lo wayengafundanga kakhulu, kodwa wayenesimilo kakhulu. Imfundwana yakhe wayifumana kwizikolo zangokuhlwa, kuba wayefuna ukuzifundela iBhayibhile.

Walobola kwangoko umfo kaMbizeni, ekhupha iinkomo ezisibhozo ngemini enye. UNojaji yena waziva enegugu kakhulu ngentombi yakhe. Wayehamba kuzo zonke iivenkile, ethengela intombi yakhe ooni nooni. Lona isoka likaWeziwe lathi lakugqiba ukulobola lemka laya eKhimbali. Lalisiya kusebenzela imali yeendleko zomtshato. Lalizimisele ukubuya kamsinya eKhimbali kuba lalifuna kutshatwe msinya. ...

6.2.1 UNojaji wabuya eBhayi eziva njani? Nika isizathu sokuba avakalelwe ngolu hlobo? (2)

6.2.2 Wathuthuzelwa zeziphi iindaba akufika ekhaya? (1)

6.2.3 Kutheni kusithiwa imfundo yakhe 'yimfundwana'? (1)

6.2.4 Sisiphi isizathu esabangela ukuba uWeziwe avume ukutshata noTolweni nangona engafundanga kuyaphi? (1)

6.2.5 Ngubani isiduko sikaTolweni? (1)

6.2.6 Chonga isizathu esibangele ukuba uTolweni afune ukuya eKhimbali. (2)

6.2.7 UNojaji wayeyintoni kuMenzile? (1)

6.2.8 Umfo kaMbizeni ukhuphe iinkomo ezingaphi? (1)

6.2.9 UWeziwe ucele ukuya kusebenza kweyiphi indawo emva kokuba isoka lakhe limkile? (1)

6.2.10 Nika isizathu sokuba uWeziwe afune ukusebenza kule ndawo uyibhale ku-6.2.9. (1)

6.2.11 Kwakutheni ukuze uMenzile avume ukuba uWeziwe aye eMonti? (1)

6.2.12 Kwakutheni ukuze uMenzile angayithandi into yokuya kukaWeziwe eMonti kuqala? (2)

6.2.13 Umzi onesidima ngumzi onjani? Khetha impendulo echanelekileyo kwezi zingezantsi:

A Ngumzi ohloniphekileyo
B Ngumzi ongalunganga
C Ngumzi otyebileyo
D Ngumzi ohluphekayo (1)

6.2.14 Yinyaniso okanye bubuxoki? UNojaji noMenzile babaqeqesha ngokufanayo abantwana babo? Xhasa impendulo yakho. (2)

6.2.15 Xela abantu ababini abadibana noWeziwe esitishini saseMonti. (2)
**[40]**

**OKANYE**

## UMBUZO 7: *AMATHUNZI OBOMI* – JJR Jolobe

7.1 Funda esi sicatshulwa uze uphendule imibuzo engezantsi.

| | |
|---|---|
| UMaDlomo: | Yixhome, mntwan' am, ethaleni phaya le ncwadi. Uyihlo ubedla ngokuthi likhubalo leli khaya. Yibeke ngentlonelo. |
| UThemba: | Yintoni ikhubalo leli khaya, mama? |
| UMaDlomo: | Lithemba mntwan' am athemba lona umntu. Yinto emzisela ithamsanqa. Injalo le ncwadi. Masingene bantwana bam sitye, Besesibulele. ... |
| UNgxaki: | Ndiyasibona, mama. Kutheni ngoku singasayifumani nje ibhotolo. Esi sonka siyandikhama mna. |
| UMaDlomo: | Kaloku uyihlo wayekho ngoko. Ungakanani na umvuzo wam! Iirandi ezimbini ngeveki. Ngenyanga irente ziirandi ezintathu. Kusala iirandi ezintathu ukuba sitye. ... |
| UThemba: | Ikhubalo leli khaya liya kubuya lisizele namathamsanqa na, mama? |
| UMaDlomo: | Masithembe, mntwan' am, ukuthi mhlawumbi liya kubuya lifike ithamsanqa. |
| UNgxaki: | Hayi, mna ndiza kuphuma esikolweni ndisebenze xa kunje. |
| UMaDlomo: | Musa wena! Ungayithethi loo nto. Ndathembisa kuyihlo ukuba ndonifundisa nide nizigqibe ezi ncwadi zesi sikolo. |

7.1.1 Mangaphi amalungu osapho lukaMaDlomo? (1)

7.1.2 Ngokwesicatshulwa chaza ukuba ikhubalo libaluleke ngantoni ebomini bomntu. (2)

7.1.3 Ngubani umntwana omncinci kweli khaya? (1)

7.1.4 UMaDlomo wenza owuphi umsebenzi edolophini? (1)

7.1.5 UMaDlomo ufumana umvuzo ongakanani ngeveki abhatale irente engakanani ngenyanga? (2)

7.1.6 Ngokwesicatshulwa chaza ngokufutshane imeko yentlalo yeli khaya. (2)

7.1.7 Yintoni 'ikhubalo' leli khaya? (1)

7.1.8 Ngokwesicatshulwa ingaba uziva njani uNgxaki ngemeko yosapho lwakhe? Xhasa impendulo yakho. (2)

7.1.9 Ukuba ibinguwe umntwana omdala oncedisayo kolu sapho, ubuza kwenza ntoni ukuncedisa umama wakho? (2)

7.1.10 Tshatisa intetho ekuKHOLAM A nomlinganiswa ochanelekileyo kuKHOLAM B. Bhala kuphela inombolo nonobumba ofanelekileyo.

Umzekelo: (e) = F

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| (a) Kuncedani xa ndingenazo neencwadi ezi zokufunda? | A UMaduma |
| (b) Isithukuthezi sikum kuba ndiyaluthanda umanyano, koko iphi into yokunxiba? | B UMadlomo |
| (c) Amanye amakhwenkwe ebemhleka namhlanje esikolweni esithi ngusikrotyana kuba ikrazukile ibhulukhwe kaNgxaki. | C UNgxaki |
| (d) Hayi, wethu, sisekho ngaloo mpilwana yemfuxane ... Kaloku besisemvuselelweni phezolo. | D UThemba |
| | E UKrila |

(4 x 1) (4)

7.1.11 Chaza isizathu sokuba uMaDlomo angavumelani noNgxaki malunga nokuyeka isikolo. (2)

**KUNYE**

7.2 Funda esi sicatshulwa uphendule imibuzo elandelayo.

| | |
|---|---|
| UMaDlomo: | Ngxaki, mntwan' am, imeko yekhaya iya iba mbi kakhulu. Siswele impahla, siswele nokutya. Ngoku siza kuswela nendawo yokuhlala. Ndisemva ngerente. Sesiphumile isisongelo sokuba siza kukhutshwa kule ndlu ukuba ayiphelelanga le mali ukuphela kwenyanga. Ndiwazamile onke amacebo. ... |
| UNgxaki: | Mandiphume esikolweni, mama, ndifune umsebenzi ndincedise. |
| UMaDlomo: | Hayi, mntwan' am, khawunyamezele oku kwebanga lesithandathu kona ude ube nalo iphepha nokuba linye lokuqinisekisa ukuba unayo imfundwana. |
| UNgxaki: | Ke, siya kuthini sakukhutshwa apha endlwini? |

| | |
|---|---|
| UMaDlomo: | Yiyo loo nto ndifuna ukuthetha ngayo nawe mntwan' am. Ndiza kuzama elinye icebo. Ndifuna undincedise, mntwan' am, ... |
| UNgxaki: | Ndiza kuncedisa njani na, mama? |
| UMaDlomo: | Hayi, mntwan' am, uza kubuya ubone wena. Kuza kubuya kulunge wena. Sisaza kubuya siphumelele nokuba kuya kuba ngexabiso elinzima. |

7.2.1 Yintoni eza kubangela ukuba usapho lukaMaDlomo luswele indawo yokuhlala? (2)

7.2.2 Kutheni abantu bengafuni ukuboleka uMaDlomo imali? (2)

7.2.3 Chaza isizathu sokuba uMaDlomo athethe noNgxaki ngeli xesha engekabikho uThemba. (2)

7.2.4 Ngokwesicatshulwa uMaDlomo wayemcebisa ngantoni uNgxaki ngemfundo yakhe? (2)

7.2.5 Lithini icebo likaMaDlomo lokuzuza imali? Chaza ngokufutshane. (2)

7.2.6 Wayeza kuncedisa njani uNgxaki kweli cebo liku-7.2.5? Chaza ngokufutshane. (2)

7.2.7 Uthetha ukuthini uMaDlomo xa esithi, 'Sisaza kubuya siphumelele nokuba kuya kuba ngexabiso elinzima.'? (2)

7.2.8 Tshatisa intetho ekuKHOLAM A nomlinganiswa ochanelekileyo kuKHOLAM B. Bhala kuphela inombolo nonobumba ofanelekileyo.

Umzekelo: (e) = F

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| (a) Into angayenzayo kukudlala kuloToto. | A UNgxaki |
| (b) Now, Dlomo girl, good stuff, not umqombothi please! | B UMaDlomo |
| (c) Mama, aba bantu bebeze kwenza ntoni apha ekhaya? | C URichard |
| (d) Ndiya kuyenza nini le nto yokuthi, 'Kubomvu, Kumnyama'? | D UThemba |
| | E Utitshala |

(4 x 1) (4)

7.2.9 Saba yintoni isiphumo secebo likaMaDlomo olibhale ku-7.2.5 ngasentla? (1)

7.2.10 Ekugqibeleni uMaDlomo wafumana umsebenzi onjani? (1)
**[40]**

**AMANQAKU ECANDELO D: 40**
**AMANQAKU EWONKE: 120**